



ULunje uhamba ngeenyawo ukuya esikolweni abuye agoduke yonke imihla.

Ngumgama omde ukuya esikolweni. ULunje unqwenela ukuba nebhayisekile yokukhwela.





Rhoqo kusasa endleleni eyani esikolweni, uLunje uhamba ayokufika epakini.

Ufika adlale ujingi nomtyibilizi.

“Akwaba bendinokudlala apha imini yonke,” uyacinga.

ULunje uhamba ayokufika kwindawo yemibhako. Ame akrobe ngefesitile.

“Akwaba bendinokutya zonke ezi keyiki,” uyacinga.





ULunje uhamba ayokufika kwivenkile yezihlangu. Ame akrobe ngefesitile.

“Akwaba ezi zihlangu zimfusa ibizezam,” uyacinga.

ULunje uhamba ayokufika kwivenkile yezixhobo zomculo. Ame akrobe ngefestile.

"Akwaba bendikwazi ukudlala la magubu," uyacinga.





Ekugqibeleni uLunje uhamba ayokufika kwivenkile ethengisa izinto zokudlala. Ame akrobe ngefestile.  Kukho ibhayisekile entle emthubi.

“Owu, ndiyayithanda le bhayisekile! Akwaba ibinokuba yeyam ukuze ndikwazi ukuya ngayo esikolweni,” utsho uLunje ezikisisa.

Ngosuku olulandelayo, endleleni egodukayo, uLunje ukroba efestileni kwivenkile ethengisa izinto zokudlala.

Ibhayisekile emthubi ayisekho. "Ngubani lo unethamsanqa lokuthengelwa ibhayisekile?" ULunje uyacinga elusizi.





ULunje udlula ivenkile yezixhobo zomculo. Udlula ivenkile yezihlangu nevenkile yemibhako.

Uziva elusizi kakhulu akayi kudlala nasepakini.

ULunje ufika ekhaya ediniwe. Umama umlindile ngasemnyango.

"Jonga Lunje, jonga into endikuthengele yona," utsho umama encumile.

Yibhayisekile emthubi!





Umnqweno kaLunje ufezekile. ULunje ukhwela ibhayisekile xa esiya esikolweni.

Akasahambi esima!